# IMVO ZABANTSUNDU

## NATIVE OPINION

IPEPA LAMAXOSA LAVEKI ZONKE

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, MAY 18,1885.

[No. 29.



## E. J. BOXALL,

Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.

*Ingubo zomtshato zenziwa ngokokufuna komntu kwisituba se yure eztlishumi.*

Ublobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo akunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iqutywa ndlwini 'nye.

## G. WHITAKER,

Isebe elitengisa nentwana ezincinane,

*Kwivenkile ebisakubu yeka Magiligana (McGREGOR'S)*

Utenga zonke intlobo Zoboya, Nezikumba zempahla emfutshane, Neze Nkomo, Nempondo, enika amaxabiso adluliseleyo.

'Uhlala enento enenzi yentwana ezinjenge zi-ti, swekile, kofu njalo, njalo

INGUBO, IKELEKO, IPRINTI,

Ipuluwa nezikali,

Ingcawa, Amafelane, Ikeleko Zokulala.

Amacuba entlobo zonke kwa: nayo yonke into enqwenelwa ngabantu abantsundu.

Yonke impahla idla amaxabiso ahlisiweyo.

Ololiwe baka Rulumeni—Belase Maxoseni.

## Imidlalo e Monti,

Ngo 23 May, Neholide Yango-Mvulo, 25 May, 1885.

TTIKITI zehambo yokusinga paya nokubuya zehambo engapezu kwe mayele ezi 40 ziya. kwabiwa Ngolwesi Hlanu, *22* May, nemini ezilandelayo, angati umntu abuye Ngolwesi-Hlanu, 12 June.

Itikiti zekilasi zontatu zokusinga paya nokubuya, zexabiso elingange le hambo enye ziyakwabiwa kuzo zonke izitishi Ngolwesi-Ne May 21, Ngo- Iwesi-Hlanu, May 22, Ngomgqibelo May 23, Nango-Mvulo May 25, angabuya ngazo umntu Ngo-Mgqibelo May 30.

Abantu bakwaloliwe abayi kutvrala, babute, mpahla ngo Mvulo May 25.

T. R. PRICE, Umpati.

Kwi ofisi Ezinkulu, e Monti, May 1885.


### KANIPE UMKONDO

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi 29 ubudala bake. Untsundwana, akanamzimba mkulu ndahlukana naye e Bay! (Port Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Akayise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onoknndilandisa angatumela ku Mhleli we *Mvo Zabantsundu.*

MARCUS KINASS.

Mount Ayliff, 25 April, 1885.

### KUFUNWA.

UMNTU omnyama onomfazi okwaziyo ukulima isitiya. Ukuba umfazi uya- kwazi ukusizila naye wofumana imali. Owufunayo umsebenzi lowo makabalele axele nomvuzo ku

R. W. WRIGHT, Engineer.

Blackwood, Queenstown.

### OCELA UMKONDO.

WEHASHE, imazi emfusa, enqina lase kunene litecu ngokuba mhlope kancinane. Iminyaka mihlanu linalombalo

A.P. ondilandisayo wovuzwa angati ukundibalela.

ANDRIES MPILA.

Bengu, Lady Frere.

### BONISANI.

IMAZI ebomvu yenkomo; seyifaka; upau yi venkilhak kweyasekohlo; itwe cupe kweyasekunene, itshiswe u B pezu komkono kwicala lase kunene.

IMAZI emnyama yenkomo ewasakazi umtshoba umhlope ayina lupau. Ondilandisayo makatumele ku Mhleli we *Mvo.* Ndim,

JAMES MAVUSO KALA.

Sheshegu, Alice.

### OCELA AMEHLO.

NDICELA amehlo ngomfana wam u GILSTAIN MEKENI ubese Bekesdolopu.

QEBEYI H. MEKENI. Komgha, 6 May, 1885.

### Ukujikwa Kwegama.

NGETUBA lokuxakwa kwabantu ligama likabawo u ONVERWACHT ebendibizwa ngalo ixesha eli lonke, ndazisa izihlobo ukuba ndigqibe kwelokuba nditabate elobi womkulu. Emandibe ke ndiyakwaziwa emva kolusuku ngokuba ngu.

ANDRIES MHLABANE.

Eziqwaneni, St. Matthew's, 12 May, 1885.


## W. BOTTEILL,

Umsiki Wentlcbo zonke zengubo,

*Glean gelene ne Town Hall,*

*E-QONCE*

Ngoyena misiki utshipu kulomzi.

Umsebenzi wenzelwa ndlwini nye. Intlobo ezintsba zokusika nazipina i fashini.


### ISAZISO.

[INCWADI E COLWE ENDLELENI.]

Tyinira, May 1st, 1885. Sitandwa John—■

Undicela ukuba ndiku tumela indaba. Andinazo, ngako mandiku xelele ukuba ngoku sinenye i venkile apa. Inyanga zintatu ivuliwe. Ingubo zitshipu ine-ntwana-ntwana ezisandu' ukufika. Uzeke ufike uze ku nditengela enye. Umnini weve- nkile unika amanani alungileyo ngezikumba noboya nempondo zenkomo.

Ivenkile ingakwa Msesani endleleni yenqwelo epuma emcancatweni ising' e-Tsomo. Ukuba kuko into esiyifunayo ingeko evenkileni akukataleki nokuba yintonina umnini venkile unako ukuyitumela. Kupela myalele kupela wokufumanisela. Igama lake ngu.

P. H. POTTOR.

Owako otandikayo


## I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjenga- manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

e-Qonce

## JOHN J. IRVINE & CO

**Abatenga** impahla kwamanye amazwe, **nakweli**,

Nabatengeli bofani ngofani,.

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO

Nezempahla emfutshane

BEMPONDO,

*Nokudla, njalo njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo | ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo; enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora I zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo **ngamaxabiso** apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- pto esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO

Kufunwa into eninzi ye Botile kwa W. BEHR & CO kwisitrata se Cambridge Road e Nyutawuni.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

## PASCOE BROTHERS

Lempahla intsha inokubonwa

*KWA-PASCOE, AYLIFF STREET.*

I-SETINE (Silika) emhlope ne Alpaka, Izivato zomtshato esezenziwe, nezi-tofu zokutshintsha zentlobo ezinizi, Izigubungelo zomtshato ne Ntyantyambo, Izihlangu, Iskirts ezimhlope, ne Bodi (impahla yekabakizi ke leyo) Izitezi ne Bonet, iprinti epikanyayo, nezidaki nezi brown (mfusa) ziqala ;kwitiki.iyadi; ikeleko ezimhlope nezi-brown, I-linzi eziqala kwi-tiki iyadi. Ikwilt:ezimhlope nezinamabala.

Impahla yomtshato nezitofu ezitengiswa nge yadi azidli amaxabiso makulu.

.

Into eninzi yetyali ezifanele intombi ezizakutshata nabatshakazi.

i-Uhlobo esigcina ngalo ingubo esezenziwe zabatshakazi lubanga ukuba abantu abaza: kutshata abavela, kwindawo ezimgama batenge babe noku god uka kwalomini. Kwiyenkile yakwa Sigingqi, e-Qonce. 29th October, 1834.

kujikela kwayo kokugqibela. Siya kuke siqaule ibala libe linye kule- nteto. Uti umbali wayo ‘‘ lamaxe- “sba ate abandezela kakulu pezu " kwento eninzi yabantu abamnya- “ma, abakolisa ngokupila zimvula ezifika ngexesha ukuze bavune [tl] nokuze impahla ifumane utyani. “Kantike abembalwa kanye ama- “tyala. Pambi kwejaji e Qonce “ elihlanganisa i Cumakala, i Qumra kwane pesheya kwe Nciba, “ aba lishumi linantatu kupela ama- tyala. Kwaba kwanjalo nakwezi- nye indawo.”

I Kuyasicwayitisa ukubalula olu- nxunelo ku Mangesi akanyiselweyo ase Koloni, Lokunga omnyama angapatwa ngemfanelo, ngapandle kwekete, nemicimbi yake itetwe ngokucacileyo nangengqondo.

---

## IMFANELO YODWA.

NGOLWESI-Ne, 2 April, kwa nduluka u PETER WAUCHOPE (indodana entsundu) e Bayi ngololiwe wangokuhlwa esinga e Kini. Ite yakufika itreni kwisitishi sokuqala (West Hill) sase Rini wafika umpati (Guard) kwi nqwelana awayekuyo u PETER wabuza itikiti ate wayirola kwakamsinya; ite kuba ibise ngxowaneni yemali yapuma neceba lemali (10/) elite lawela emhlabeni. Ute umpati “ Yihla uyicole kwakamsinya.” Ehlile u PETER ute xa ayicolayo kwafika omnye wabasebenza liwe apo, ogama lingu ELLENTON ote ngapandle kwenteto waselefaka inqindi, ekaba u PETER. Yena u PETER ukaulezele imali leyo yake ade wayibuta nento eninzi yohlalutye. Lendoda yenze isipango ngezidubuliyada yaya kumngenisa kulonqwelana abekwele kuyo. Elixesh lonke imi yona itreni, umpati ebuta itikiti. U ELLENTON ugqibe ngoku- tshixa ucangwana Iwenqwelo esiti, “andikaugqibi umn ono, wam.” Ite yakukova ukufika kwisitshi esikulu itreni lemnikela kumadindala ate wona amkaulezisela elityeni. Isigitshimi sibehle safika kumkuluwe wake okumshela imantyi e Bayi, ote yena waputuma kwaoko kwizipata mandla zakwaloliwe ezite zona into leyo zayicedulula.

Kute e-ofisini ngo Mgqibelo um’mangaleli ka PETER yamkulula imantyi. Konke oku kute kwakuba kuxeliwe kwapumelela ekubeni u Mr. ISAAC WAUCHOPE afumane lenewadi kumhloli wakwa loliwe u Mr. JAMES MCLAREN BROWN :—

[Ngomcimbi ka Ellenton wase Rini.]

Port Elizabeth, 30 April 1885.

NKOSI,—Ndinembeko yoknkwazisa ukuba ndisicikidile isikalazo sako. Ndinosi Kunene ukuba kwehle into enjalo, ndikubulela kuba ute wandazisa ngalento, ukuze uqonde ukuba tina bapati bololiwe balapa sizimisele ukubakusela bonke abahamba ngololiwe, manditi kuwe indoda leyo yenze oku ikutshiwe emsebenzini ngokuhatnbisa kwayo okukohlakeleyo.

Ndisicaka sako esilulamileyo

J. BROWN.

Umhloli.

### Wenjenje ukuyipcndula lencwadi u Mr. WAUCHOPE :—

Port Elizabeth, May 5. 1885.

NKOSI,—Ndikubnlela kunene ngokuba u- wutabatile umcimbi wokubetwa nokufnkwa entolongweni komninawe wam e Rini. Konke okwenzileyo kubonisa ihambiso entle kunene yabapati bololiwe, ukuquba ngemfanelo ukuze kuhlanganiselwe abahambi ngapandle kokucalula ibala. Lento yenziwe umninawe yenye kwinto eninzi ati umntu omnyama ohamba ngololiwe abonelelwe ubudenge ngabanye bosinga kwizipata mandla zakwa loliwe, endingati isizatu sokuba zimbalwa izironi kukuba besiba lempato irabaxa mayibe yinxenye yomsebenzi wabapati, ingengakuba besiti abasakufumana imfanelo zabo xa bakuvakalisileyo oko; yabeke ingebinalusizo luni into yokumangalela umntu esenza umsebenzi wake. Ndiyayazi inkatazo efunyanwa ngabapatiswa bololiwe ngenxa yokungazi kwabantsundu abahamba ngaye; kodwa uko umteto wokusebenzana nento ezinjalo; kengokoke bekungeko mbangi yokuba u Mr. Ellenton ade apate lukuni uoani. Okwenzileyo kulomcimbi kufanele ukubulelwa nguye wonke u Mxosa, okanye umntu weli omnyama. Isebe lakwa Rulumeni lololiwe ulihlambe kwigama elimdaka lokuba Iona likusela kupela ababala limhlope, limshiye omnyama engqeleni ngapandle. Ndiyaqokela ndibulela. Ndingowako, nkosi yam, enyanisweni

ISAAC WAUCHOPE.

Ikumsha &c. Kwi Ofisi ye Mantyi e Bayi.

Ku James MacLaren Brown, Esq. Umhloli wo Loliwe.

## Amagosa e “ Mvo

Sazisa umzi ukuba lamanene amiselwe ukupendula zonke izinto ezingelipepa egameni lomninilo kwezindawo:

*Gala*.....Mr- P FILIGAN

*Grahamstoxvn*.....Mr. Peter Nkosinkulu

## Amanqaku

YINTO ebifanele ukubanga iratshi kudodana Iwakowetu kubafundisi base Lovedale, nakwabo bazama ukuhlanju- lulwa kwabantsuudu ngemfundo, uku- fumana ukuba abo bebesakuba zintshaba zemfundo yetu kwelilizwe baqala baya- buya ukuza kuvumelana nati njengokuba kubonakala kulenteto yepepa lase Bayi i *Telegraph* eti:—“ Kekwatiwa i Lovedale iwabanka ama Xosa ukuba azinge azibone ubuntu ngelize. Ekuqaleni laliko isuntsu lenyaniso kulenteto. Asinamatanda ngoku ukuti ikaba elifunde – e Lovedale— elo lite lakupuma esikolweni ladibana na- ma Ngesi asebenzayo—libonisa ukuba alisenaratshi. *Ngakumbi ite yahambisela pambili imfundo yalo, kungokukodwa olu dodana luf umana ukuba kundnane olukwa- ziyo xa kutelekiswa noko lusamelwe kuku- funda."* Elinepa liyixorile eyona nto kulamazwi siwashicilele ngamfaka-mfaka. Akwaba ubunyaniso bawo bebuqi- qwa ngabafundisi ngokwabo! Sinetemba kodwa ukuba ngoku udodana Iwakowetu oluqeqeshiweyo luya kuyivala imilomo yentshaba zemfundo ngezenzo; kantike incazo yento eyimposiso ayigxekwa bani.

LITI ipepa lakwa Komani eliyi *Free Press:* “ Nokuba sebepityiza besitinina abamnyama isigwebo sokufa sesiwile pezu kwabo, njengokuba sebete bazi- ngcainla nje iziselo zentlanga ezimhlope. Kunjalo kulo lonke ilizwe de mhlaimbi ibe iyakwenziwa imiteto elukuni yokuba omnyama angatengiselwa utywala, ukufa kwakwe kuyakuba ngakumbi ngakumbi. Kaukangele kwinto eyenziweyo ngama Maori ase New Zealand ngalonyaka. ‘ Ukupendula isicelo sabantsundu base New Zealand ngokwabo, lonke ilizwe ebelisaziwa ngegama lokuba liyi *King Country*—elibanzi kunene, limiwe ngaba mnyama libalulwe ngu Rulumeni ukuba kungatengiselwa ndywala kulo. Uhlobo asela ngalo ngoku A maxosa nezinye intlanga ezintsundu, luyakuzihlisa ka- ngaka luzikupe ingqondo kangangokuba lutshabalale kanye. Yinto emiyo kuti Mangesi le yokuba oko ungasebenzi nto ngako mawukutshabalalise.” Kambe nati mawetu siyazi ukuba iti indodana yakungena kuselo kube nzima ukuyi nqumamisa kulomkondo usinga ezantsi.

ASIBANTU bakukataleleyo ukuqasha amagama ababali bencwadi ezidla ngokungeniswa emapepeni ngabantu abangawa- bekiyo amagama abo, kodwa ngati singamalata umntu obale incwadi ebonakele kwi *Watchman* (ipepa lase kayapa) yolwesi-Hlauu oluqqitileyo. Lombali akana- qinga lokulufihla udano Iwake Kuba ete amapepa ayitata ngomoya olungileyo impato ka Mbovane Mabandla abengxamele ukumtshabalalisa. Akaqondi lo- mbali ukuba amapepa akateni nasiqu si- ka Mbovane kodwa alwela imfanelo. Ekungaqondini kwoke ke uti: “ Ite i *Cape Mercury* ngokusuka iwenze into enkulu umcimbi wesibonda u Bovani Mabandhla yabanga ukuba u Mr. Malcomess ayipe- ndule ngendlela egqibeleleyo, ote ekuma- zini kwake u Mbovane okufutshane wa- fumana ukuba ubengalungelwe kuku- tshwa kodwa, ubelungelwe kutunye- Iwa e Kapa akatswe. Kodwake, mfundi, olulamileyo, nganina ukuba ezimpopoma zosizi zipalazelwe pezu kwesibonda se Mfengu? Anazina ukuba lo Bovani Ma- bandhla ngulamntu wenza ukuba amaqa- ba abantu abamnyama avotelwe Advocate Innes wase Kapa e Dikeni. Yiyo lonto atetelelwa kanga. Igqweta apa elingu Innes alinaA'uba lingamazi umbali wezi- nteto ziAiwi *Cape Mercury."*

AKUKO nyaniso kwinteto yokuba ngu “ Bovani Mabandhla owabanga ukuba umzi ontsun lu uvotele u Advocate Rose- Innes wase Kapa,” ngetuba lokuba u Ma- bandla ungowomandla wase Qonce, akate- nike nemicimbi yesitili sase Dikeni Awa- ngangokuba u Mr. King wase Xesi enga- teni nave engenazwi nalomicimbi. Na- ngapandle *koko* lombali yena akazi ukuba unyulo luka Mr. Rose-Innes namhla lubonwa nazintshaba zake zeloxesha ukuba lalilitamsanqa abalifihlelweyo. Oku ku- teta kungemiyo ndaweni ’nye kubonisa ukuba intshaba zika Mabandla liziyile. Sisati tina lomcimbi mawucikidwe.

INTETO eyabalwa ngalamadoda mahla- nu kutiwa ngu Rulumeni avule ngayo i Palamente ngolwesi- Hlanu u Mhlekazi u Sir H. Robinson ayinanto intsha iyibalu- leyo. Iqala ngokupaula indawo yokuba namhla i Palamente izakungena kwizaki- wo ezitsha. Ingene kukumbiwa kololiwe ova e Dayimani. Iquba iti i Rulumeni akasakucela i Palamente ukuba enze ulo- liwe wokuhlanganisa lo weli lase Maxoseni nelingapakati; apake iquba isigqibo se- ntlanganiso eyayise Komani. Zimbi indawo kukutwabululela kweli lizwe umtet’ ongedayimani ukutengiswa kwazo; nemiteto engomhlaba ukutengiswa kwayo, nokumiselwa kwesebe lakwa Rulumeni eliyakongamela imicimbi yokulima.

NGEZANDAWO saziti bandlakanya kwipepa letu elidlulileyo, sifumana umteto wepasi ungacankanywa. Sivuya ukuba ingaba incaso yetu ibange u Mr. De Wet aselewuyeka. Siyakuvuya kodwa ukuba bekuko inteto exela ukuba nale mitetwa- na ikoyo ikatazileyose- iyakutshatyalali- swa kanye, Ngolaulo Iwa pesheya kwe Nciba, siqiwula lendawo kwinteto ye Ru- luneli:

“Ngokwesigqibo sebandla ngonyaka odlulileyo iyakubekwa pambi kwenu umteto wokuba indawo ezitile ezipesheya *kwe* Nciba ezazingekabandakanywa ngo- komteto nale koloni zenjiwenjalo. Kwa- fcunye nalomteto kuyakubekwa pambi kwenu nomnye womisa ngokomteto eyona miteto emayilandelwe ekutetweni naseZcugwetyweni kwamatyala. Kwanomnye oyakumisa indawo yokuba indawo ezitile zelo zibe nelungelo lokutumela amadoda e Palamente, ezinye zivakalise imvo zazo ngebandla labantsundu—ezoke zisesemva ekuyiqondeni ihambiso ye- mpato elipetwe ngayo."

“ BUT I will not dilate,” said the stump speaker. " If you do, I am afraid the excited audience will cause you to die early, yelled a red-nosed man in the back row.

A SAVING of 70 dollars a year is said to be effected by the employment of the French steam engines operated by the heat of the sun. This realises the old saying about Sol being among the profits.

## Eli Pesheya Kwe Nciba.

[NGOZIBONELEYO.]

E-Tunxe, 24 April 1885.

Elilizwe lili Pesheya kwe Nciba asizwe sidla ngakuva nto kakulu ngalo, kungokoke lento nditi ndakuba ndibe netutyana lokuka ndiye kuba kwelo intsukwana ezimbalwa ndacinga ukuba ndenze udatyana ngoko endikubonileyo nendikuvileyo. Ikakulu noko ndiyakuyisingisa inteto yam kweliya ibi- lelakwa Gcaleka, elilelakwa Ngqika ngoku, Iona ndike ndenza intsuku kulo.

*Imo yomhlaba.*—Ngecala lasemhlabeni ndifike okwenene kumhlaba omhle, nobukekayo kumehlo omntu wasemzini, nakuba na- lo libonakala ukuba lixubahekile kanye nge- nx’ enalengcinezelo iwugqibe wonke, yela- nga. Kute kona ukususela e-Nciba de kuye kuma ngoma Gcuwa, korna ngohlobo oloyi. kisayo, ngangokuba kungazeki ngento emayibe ipumelele ngayo into eluma pantsi. Kute e-Nciba emlanjeni kwalusizi ukubona inkomo zixomekeke emitini, ngokufuna ama- gqabi emiti kuba zingenanto ziluma yona pantsi. Kute noko ukususela e-Ntlambe de kusingise paya, hayi laba nendawo yoku- namatela noko iliso. Ndite ukuqala kona ukubona into eluhlaza eyingca kwaxa ndiso- ndela elwandle, ukususela kona e-Cenr,uli namantloko e-Kobonqaba deke kuye kuma ngolwandle. Unakona noko kubonakele ukuba seyikukuba kukufupi nolwandle, eku- tike ngoko kuman’ ukuwa umbete, laye Iona libalele.

*Izilimo.*—Ngakwelo Iona icala linye liya- fana. Kute kona e.Gcuwa noma Cegcuwa- na kwabonakala ukuba noko bocola abanye ngoknkodwa intwana zamazimba kwababe- zilimile, ngati Iona uninzi htya kufa. Naku. ba kambe umhambi iyinto eti kanti iyaposa ukubona. Kude kwasingisa payake koma Tutura noma Teko noma Centuli iyilonto ; ekute ekuyeni elwandle koma Nxaxo noma Gqunqe njalo-njalo kwabonakala ukuba no- mbona wofunyanwa ngabanye.

*Impahla.*—Elo lei ifuyileyo ndakukangela — Ndisingisake kwelo lakwa Gcaleka,—na- kuba into ete yambi ibe sisifo ezinkomeni. Apo *umbendeni* (umanz’- abomvu) uyalaula, waye usitwayi ikwayilonto. Lo mbendeni yinto eti impau zako, siti isinyi esi sizale ligazi, ze apatelele kozibindi nozinyongo ko- mipunga nodakada ibe ngamakalamsha into ezinkulu—ngokoke bati abelo ngu *mbendeni. Usitwayi* yena ngamakalane, asuke ayit- ntshwa-ntshwa inkomo nokuba lihashe, ze ide ibe luqoto into engati ayinalo negazi. Ndifike kwelo ezizinto ziliwa, zincedeka na- kuba ziti zipuluke inxenye, njengento yonke ke ngoko esisifo. Yayeke inyama yazo idli. wa. Ndite ndakubona oko ndatsho ukuti le banki yetu izinkomo ayisayikuze isinyuse, ndabeke ukutsho ndiqinisisa inteto endiyi- bone kwi Mvo, engoknba soti ukuze side si- nyuke sisebenzane nomhlaba, qa ke.

Pambi kokuba ndigqibe manditi abafo ba Pesheya kwe Nciba ndibonile ukuba ngama- doda, basebenzela efeni. Ngokuba zisifa ezinkomo zabo, bate bezililela yaye yona imi- xelo yabo imi ekulileleni imvula ebatinteleyo nkuba bargade balime ingqolowa, bati uku. fika empahleni yakukuba beya kuxakwa yi- nto yokuwusebenza, xa zifayo nje inkabi. Kute nakumaqaba ambala yaba yimisazo nkufuna into zokulima ozingqolowa nezinye intlobo-ntlobo zembewu ezikaulezayo ukuvu- twa.

Into enkulu ete ndayibona yeyokufuneka kwabashumayeli. Ndifike ndabona ukuba ilizwe liyintlango lifuna abasebenzi.

Uxolo Mhleli Nkosi fam ngendawo endiyitatileyo, ndixina ngokwenjenjalo indaba zamanye amanene, ezingati zibe zezona nefa.—Tarunike mzi.

## Ezabahaleli

I PAST.

MHLELI we “ *Mvo"*—Ndincede Nkosi okunene lomfo ungu P. N. M. akanangqo- ndo ngepasi le, akabuva nobubi obuviwa luhlanga nabafundisi bohlanga ababa- njwa ngayo abatwala lepasi iyinkatazo. Mna ndilipolisa elidala, kukade ndiba- mba amasela enepasi; ayitinteli lubo. Incedisa ulubo lepasi, kuba isela lisuka libale izinto elisaya kuziba, zibalwe zi- ngekonje. Lento iyipasi ibifanele ayazi- wa ngu Mhlekazi. Lento ilusizi. Ihleli isiti singabasemzini kanti siyinzalo ye Nkosazana ezandla zimhlope tina Makoloni ibe ifanele abangapaya komda we Nkosa- zana, tina asilulo utshaba Iwe Nkosazana, njengokuba angaba u-P. N. M. ucinga njalo. Hai bo, makarole izizatu ezizim bi angateli ngezityolo zentshaba zetu—ndi- satshonela.—Taru baba.

QEBEYI H. MEKENI.

AMAKAYA ENDWENDWE.

MHLELI OBEKEKILEYO—Kulomigca yepepa lako kaundisize, ndifuna ukubekisa kumatshawe nabantwana bamapakati, izinxiba-mxaka. Andifuni kuntyuntya kuba andinguye umntu onentsuku emhla- beni; kodwa ngumfana erwala, andibazi ke ubulau bokuteta. .

Nitinina ukuyicinga mzi wakowetu, lendawo ike yaxoxwa kwelipepa le *Mvo?* Yada nangawa bamhlope amapepa yangenwa yaxoxwa. Lendawo ikankanya i *hotele* zabelungu (amakay’ endwendwe) nati midaka yokuposwa *ekitshini.* Le ngxoxo mna ndikoliwe ngumfo owayingenisayo, yena ude wawatunuka Ama- ngesi ada atyalusela, wevake nositulu. Elide lati nelinye la Mangesi ipepa: “ bulela nekitshi elo usalifumanayo, neso situngu sebabile kwihashe lako.” Ukun'gantyuntyi kwam mandenjenje. Utyapile atsho lomfo wase magwangqeni. Esitsho njalonje utetela umzi wakowabo. Kube kuya kusizakala ntonina ukuba elo Ngesi line hotele beliyakwamnkela tina mpi intsha, ze obawo okanye abazali bacacateke pandle kuba benembola bona, kanti into esiyiyo siyiyo ngabo, koko kuba- njalo kwabo. Kulungile sigodole kunye, okanye bona balale, nokuba silele pi, tina sikangele amahashe. Sakuba nezilili ba- kungabiko. Ubuya kumbulelana lomfo we Ngesi, akukwamnkela, aze okanyoko engakwazi ukusoma, ugaxeleke kusasa itshoba lilel’ umbete yingqele ; kuba ete akozela akavuswa mntu; kuba kambe siva kutiwa xa kubandayo ubutongo bu- ncedisa ingqele aze umntu oyiseke msi- nya. Ndigcine xa nditshoyo. Indlu ye- ndwendwe ingenziwa nangubani ofane- lekileyo. Tina sondlelwa kumanqugwa- lana anomsi, singencedekina kona ukuba umntu wolwetu uhlanga ebengasuke ami- se *ikaya labahambi,* nokuba ulake nje- ngezindlu zakomkwetu. Ze zingabi na- msi kodwa. Azipate ngokusulungekile- yo nangokucocekileyo. Angati xa alapa ake isitali ngodaka (sods) esitulelwe nge ngca. Noko nditshoyo nditsho ngabom. Maninzi amadoda anezindlu ezifaneleki- leyo ezingasuka zandiswe kodwa kuhlo- nyelwe nezamahashe. Zakiwa ngaba- ntsundu ezozindlu, azinakunqaba kupi. Andisateti ngokuqesha ezabelungu ke zona. Nandipete ngeliti, makowetu, “ into esinokuyenza ngokwetu masinga- gcakaineli owolunye uhlanga. Owasemzini akasokumnyamezela ofayo nonxi- lileyo, ingengabouje abakowabo. Andi teteleli manxila ayinkunkuma, nawo ndingawatetelelayo ukuba ayakatala. Ba- fondini base Qonce, e-Komani, e-Rini ne- zinye idolopu nixinge pina? Lemali yakowenu aninamunyu wayo na? Ku- dala nikonzanje aninakulukonzana uhlanga? Mna betu ndinga nedinala le ndi- ngayityela egoqweni lenkuni, kuba impepo imnandi kuuobushushu be kitshini.” Taru, ndizame nangomncono wamandla am ukuyifutshanisa lenteto—ndim igezana lakowenu.

INTWAN’ ENCINANE.

Emgwali, May 9, 1885.

ISIMEMO KUBADLALI BE BOLA.

Isiqamo sebola kwabantsundu sipume- lele kuyo yonke i South Africa; ibola ngowona indlalo abakululekileyo kuyo yonke imidlalo emhlabeni indawo nge- ndawo, kade zihlangana zibonisana ama- ndla azo, noko kungekafezeki ukubona- kala kwamandla azo kuba ingekabiko intlangano efezekileyo i Tournament. Ndiyakolwa okokuba sonke sidiniwe ku- kuhambelana, enamhlanje makwenziwe kumbi, amandla apakati kwetu akgsoku- de abonakale simi ndaw’onye—xa ndi- tshoyo ndi propoza okokuba kubeko ilTournament ekupeleni kwalonyaka, uva- Iwe omdala, uvulwe omtsha nge Tourn- ament, ingabapakati kwe King W. Town, East Loudon, Graham’s Town, Port Elizabeth and Graaff-Reinet or Lovedale Apprentices. Andiyi kwandule ndimise indawo ekungadlalelwa kuyo lomcimbi, ndowuyekela kulamadoda omahlanu aba- liweyo kulemigcana. Soba nakoke uku- zipaula i Champions malungana ne cric- keting,—ndolindela impendulo kumane- ne ezindawo zibaliweyo angabadlali be- bola, ndokangela kwi Mvo *Zabantsundu* imihla ngemihla.

Ndim wenene

## *ABALIMI NA BARWEBI.*

MAY.

*Kwimpi ye fama.*—Umhlaba ufanele ulinyiwe wahlwayelwa ngelixesha nakwi ndawo ezingene mvula.— Ilamuni, ne' naartjies, ne gwava neminye imiti engala- hlekwa magqabi ayo ebusika ingatyalwa. Lixesha loku lima imbotyi ezibanzi. ne erityisi.

E-MARKENI.

E.QONCE.

Ngenxa yemvula ebeziko ekupeleni kwe- veki edluleni azibanga ze zinobom imarke sesingenisa eyangolwesi-Tatu eyona yayin- knlu :—

Inkuni, 7/6 to 25/ ngeflara
Ihabile, 3/9 to 4/7 ngekulu
Umbona, 12/6 to 13/ ngekulu
Amazimba, 11/9 ngekulu
Ingqolowa, 12/ to 12/5 ngekulu
Umgubo, 16/ ngekulu
Ihabile (eyimbewu), 12/6 to 13/ ngekulu
Imbotyi, 13/6 to 15/3 ngekulu
Itapile. 3/ to 6/9 ngekulu
Amatanga, 1/ to 6/ ngedazine
Ibotolo, 2/3 to 2/7 ngeponti

E-MONTI (May 15).

Amaqanda, 1/9 to 2/ ngedazini
Ibotolo, 2/ to 2/10 ngeponti
Ibran, 6/6 ngenxowa
Itapile, 15/ to 21/ ngenxowa
Umbona, 9/6 to 11/3 ngekulu
Ihabile, 3/ to 4/6 ngekulu
lakuni, 5/ to 17/6 ngeflara
Irasi, 6/6 to 7/6 ngekulu
Amatanga, 4/3 to 6/ ngedazine

E-MTATA (May 13).

Ibotolo, 2/ to 2/10 ngeponti
Amaqanda, 1/9 to 2/2 ngedazini
Icuba (la maxosa), 4d ngeponti
Amatanga, 6d to 1/6 lilinye
Itapile, 6/ to 12/ ngenxowa
Ihabile, 2d to 4|d ngesitunga
Inkuni, 30/ to 30/2 ngeflara
Umbona, 24/ ngenxowa
Ikalika, 4/3 to 5/ ngenxowa

E-KOMANI (May 15).

Ibotolo 1/7 to 2/ ngeponti
Amaqanda, 1/6 to 2/ ngedazini
Amazimba, 27/ to 30/ ngenxowa
Umbona, 27/ to 30/ ngenxowa
Irasi, 13/ to 14/ ngenxowa
Ihabile, 7/6 to 9/6 ngekulu
Ibran, 7/6 to 8/ ngenxowa
Itapile, 8/ to 14/ ngenxowa
Amatanga, 3/9 to 6/9 ngedazini
Icuba, 7d to 7£d ngeponti
Umgubo, 13/ to 14/ ngekulu
Inkuni, 30/ to 57/ ngeflara

U Abraham K. MALO

*Umteteleli ema-Tyaleni,*

ENGQUSHWA.

## Ezase Dayimani

[NGU MNTUYEDWA.]

Ndite tshe kwi *Mvo,* indawana eteta ngentlobo ezimbini zentshumayelo ezabelungu nezabamnyama. Eti eyabelungu icaza ilizwi, eyabamnyama ityikityana nezimilo zabantu. Lenteto indikumbuze ingxoxo endayiva kumadodana amatatu apa e-Kimberley, amabini ayala enye ekukade ilapa e-Diamond Fields ingena- kufumana msebenzi. Indodana le yona yati cu esikolweni esipakamileyo sabamnyama. Ukungafumani kwayo umse- benzi ikakulu kubangelwa nakukuba indodana le ibidangele, itambile nasemzi- mbeni wayo. Bate abazalwana ababini, mzalwana intlalo yako kulomzi kukade siyikangele ngosiz'i olukulu, kade usinda ezintolongweni ngokungabi napasi umse- benzi akuwufumani, ungalamnkelana icebo esite sakulicinga tina sagqiba kwe- lokuti lingakuhlangala kwezintsizi nezi- nxwaleko unazo. Ndite ndakupos’ ame- hlo kale ndoda xa la ndadoda atshoyo ndabona inyembezi zingcwenga, ikange- le ngeliso lenzondelelo, netemba. Ivakele ilikupa isiti, “ oko sendikueopele, licebo linina elo bahlobo bam ? ” Ate amadodana la aposana ngamehlo, kwabonakala ukuba into le ebeseyeyigqibile. Nali icebo esinalo, itshilo enye, nesibonayo ukuba umntu onjengawenje lingamfanela. Eliceboke uze ulitabate kuba lisidle imi- gudu imitandazo, nenyembezi ezininzi,— siti balekela kulomqolomba wabantu aba- njengawenje. Nguwupina wona ? Itshilo inkabi. Unebatyi ende emnyamana, no- mnqwazana otambileyo omnyama, nebu- ■ lukvve emnyama, ne kolari emhlope, ne- qina elimnyama? Inxenye yezizinto ndinazo, itshilo inkabi. Ate wona sesiya kukuxuma ngezinye ezi ungenazo. Ubu- lele umnumzana nakuba icebo engekali- va, kuba kubonakele ukuba amadoda la uyawatemba. Ngokufutshane ate uze le- mpahla uyinxibe ubuti shwaca ubuso undatyaze ukuhamba uye kubafundisi ulusizi, uti, ndibiziwe, kunjalonje olubizo asilolwanamhla, ndeyisekile namhla ku- ba kade olubizo ndiludukisa. Wotsho xa ucazela umfundisi. Leke mzalwana ye- yona ndawo yokukukupa kwezinkatazo. Yatakazela indodana leyo, yati ndisaya kucinga. Ndiyekela kubafundi be Mvo ukwalamanisa elibali nezintlobo zimbini zentshumayelo. Umbuzo nangu, kulu- ngilena ukuba lomfana alamnkele eli- cebo?

ISIKALO.

Lento ililishwa yinto embi kakulu. Lomzi wase Dayimani ngumzi opantse ukuba nento zonke, ubutyebi bulapa, ukuba kulapa yonke into ipantse ukuba- lapa, umntu uqukene apa. Inye into epantse ukusweleka ngokungakumbi kwa bamnyama— bubulungisa, ngelinye igama singati lugqoboko, kuba ubulungisa iyi- nto eyodwa. Lento ilugqoboko isweleki- le apa ngokungakumbi kwabamriyama. Sona isivuno sikulu abasebenzi bona aba- ko. Singati iramente zintatu—yi Rabe Congregational Church, yi Wesile, yi Tshatshi, eyesine yi Ruti, Lutheran Church. Irabe nge 1872 yatumela u-Rev. G. Tyamzashe, ote emveni kwexeshana kwabonakala encediswa ngu Rev. Jas. Poote. Singati ngokufutshane lamadoda mabini asandul’ ukuti nyebelele uku- mnka kwawo kuzo ezinyanga eshiya inkumbulo emnyama nerara, yengubo zawo apa e-Dayimani. Singati ngoku iminyaka lishumi elinesitatu iqaliwe Irabe, kodwa ngokufutshane ugapandle kwentloni, singati loramente yoyisiwe mayenze migudu yimbi. Singati nge Wesile xa sikangele nhlobo lokunyula kwayo amadoda ewatumele apa ngati iya kulandela kwa ikondo le Rabe. Sake sati i Wesile iwuqondile lomzi into oyifunayo ngokutumela kwayo u-Rev. J. Dwane, onanamhla osalilelwayo yiyo yonke into nga Besutu, nga Maxosa, nga Masilamsi, ngama Kapumarise. Singati i Tshatshi ne Ruti ziyangcambaza noko besingako- Iwa zipetwe yimidaka. Ngelifutshane imipefumlo iyatshabalala apa, onyana benu bayatshona etywaleni ababondliwe ngelizwi, mbangi abanamalusi. Akuseko madodana e-Koloni anjengo Paulisi, inkomo zeyele apa ngomkono.

## Umcimbi Ka Mbovane.

Ite njengokuba sati sayibengeza indawo yokupatwa kwelitshawe yabanga ingxolo enkulu kumapepa asema Ngesini. Kwinteta ende, esinga sakuyiguqula njengoko injalo elase Kapa eliyi *Cape Argus* liwuugene nzulu lomcimbi, Lite lizeya lizicukuceza kanjalo izizatu akutshwe ngazo lapaula nkuba akuko nto isileyo nezeleyo yinkatazo enjengale yaka yaviwa. Elipepa alilibali ukutnkumbuza u Rulumeni indawo yokuba u Mbovane lo aka- nguye owamiswa ngu Rulumeni kwindawo yobukosi, kodwa yinkosi ngokuvela. Yati mhla lenteto yabonakala kwipepa lakusasa lase Kapa wagitshima u Mr. de Wet ukuya ku Mhleli wepepa elo lase Kapa, wayikanye- zalindawo yokuba kusitiwa ukutshwe kuba esuke wayila intlanganiso eyagqiba kwelo. kuba abantsundu babuyiselwe kulaulo Iwa Pesheya Iwe Nkosazana, wati eyona nto aku- tshwe ngayo kukuba ubesenza intlanganiso zokuba abantsundu bangazihlaul’irafu ku Ru- lumeni. Libuza elipepa ukuba uke waviwana into ayitetayo u Mabandla ngapambi kokuba enjiwenje ? Akuko nto itetwayo ngemali ye rafu kwincwadi ebika ukuba, ukutshiwe. Masiti kubafundi betu esenjiwanjenje akazanga wabuzwa. Into eyenziweyo kute kwa kuviwa ingxelo yommangaleli wake ongu Mr. King wase Xesi wasele kutshwa.

Uteke lomcimbi watatyatwa ngamandla ngamanye amapepa asema Ngesini anjenga- wase Monti. Eliyi *Dispatch* lase Monti apo ivakalisa ukumangaliswa kwalo kupatwa kwalo mnumzana ngenxa yendawo ezingeni ezinjengezi. Elase Monti elinye eliyi *Ad- vertiser* liwutate shushu lomcimbi lenza ama- nqaku anobom. Asinasituba sokuwaguqulela e Sixoseni apa. Makwanele kodwa ukuti liti, isohlwayo salendoda siyimposiso enku- lu.” Elase Somerset East i *Advertiser* li. kwanenteto ende ebalulekileyo ngalomcimbi. Libonisa u Rulumeni ukwenzakalisa kwezigqibo ezigwenxa ezinjengesi. Elase Cawa i *Budget* liti “ lidlnle ixa ebezingati ize nzo zokubandezela ezinjengesi zipnmelele. Litsho elipepa liti, “ isenzo sika Rulumeni asanele kuba sesitiyekileyo kodwa sesobu- tyakala kanye.” Amapepa e Qonce omabini adibene ngokusicasa esisenzo. I *Cape Mer- cury* yaba lelinye lamapepa apambili uku-

# Amalahle ase Ndwe.

ABANINI balamalahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

## 300 TONS ZAMALAHLE

ngenyanga—ezingangemitwalo e 80. Abafuna ifulura abasaku zidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.

Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle na-sekuwatuleni e Komani.

Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.

Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

## T.H KELLY

Umteteleli ematyaleni, nomgqibi wemicimbi yemihlaba neminye efezwa ngamagqweta.

Akabizi mali ininzi ngokuteta amatyala nokufeza imicimbi yabantsundu. Uyakutetelela abamcelayo kwa Qoboqobo nase Xesi.

Apo i-ofisi yake ikona kukwi Maclean Chambers (ngase TownHall), e-Qonce. Make Xlimlinge mpindini entsundu.

---

## IZISULU ! IZISULU !

# J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

## E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsinyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

---

## ISAZISO ESONA.

Kutengiswa ngoku ngamanani apantsi natotyiweyo—

Into eninzi kunene yencawa ezifanele abantu basesikolweni, kwanezimigca ngaminye nangamibini ezilungele amaqaba.

Kusand' ukufika kananjalo impahla yetu entsha evela e Amelika amakuba amashumi asixenxe anantlanu awona ohlobo aye enokufunyanwa ngamanani abulula bungazanga babako.

Kufike nesukila emhlope nebomvu evela e Natala amanani azo atotywa nangapezu kokwalenyanga ifileyo.

Kufike namakulu o-mabini etauli ezidla i dobilityi zone nehalafu inye, oko kukuti zintatu ngesheleni.

Intlobontlobo zengubo za-madoda nezamakwenkwe.

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,
E-QONCE.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

*Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,*

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

---

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

*VYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA*

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwa-nanwa kwezi qinisslo zomhlaba yonke lemicimti yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

M. L. GERRARD,
Umteteleli kwi Ofisi yemantyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uya- yifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abana-kuwahlaula amatyala abo ngokubal[50] ama- pepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematya- leni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwane- . zinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izo kweliti, ayinike uminiyo imali kwa oki- | Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

- -

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsnndu ucelelwa ukuba ukange-lise lamayeza abalulekileyo.

| | |
|---|---|
| | Elika |
| COOK | lyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile. |
| | Elika |
| COOK | lyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile. |
| | Aka |
| COOK | Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile. |
| | Elika |
| COOK | lyeza Lepalo. 1/6 ibotile. |
| | Ezika |
| COOK | Ipils- 1/ ngebokisana. |
| | Eka |
| COOK | Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile. |

Abawafunayo lamayeza mabaye kwivenkile ezimelene nabo bawayaleze. Enziwe kupela ngu

G-. E. COOK,
*Chemist and Druggist,*
Downing Street, e-Qonce.

---

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese- sitatu, No-* 3, *Kwinkundla ye marine,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma-zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kuwa. calana onke e.Koloni.*

## IMVO ZABANTSUNDU.

LIXESHA LOKUHLAULA.

Kambe kule nyanga silindele inkozo zenyanga eziqala ngo May 1, 1885. Oku kubekiswe kwababehlaulele ezintatu inyanga kupela. Amapepa angahlaulelweyo ayakubanjwa de ifike imali yokuwa kulula. Abamnkeli bayacelwa ukuba intlaulo yabo bayise ekupeleni ko September, 1885, ibe 5/. Abafuna ukuyisa ekupeleni konyaka bangablaula 8'.

Abantu abaqpla ukulamnkela ipepa ekuqaleni kwalo nyaka bahlaulela inyanga ezintatu bayaziswa ukuba ixesha labo lipele ngo 31 March. Ingafiki imali yabo liyabanjwa ipepa.

## IRISITI ZENTLAULO.

Abamnkeli beli pepa bayaziswa ukuba abanakutunyelwa irisiti (receipts) ngemali engapantsi kwe 10/. Ixesha abahlaulela Iona boliqonda ngokulifumana nokungalifumani kwabo ipepa. Kuba kungatunyelwa mapepa kubantu abangahlaulanga kwangapambili.

## IZAZISO ZE MVO.

Siyabacela abafundi betu ukuba izaziso ezisakuba zibonakala kwelipepa bazikangelise. Makukunjulwe ukuba ezi zindlu zingenisa izaziso sazeke zingenyanye mali yamntu mnyama njengo- kuba ezinye zinjalo, abangati ke abayakutenga kuzo bafumane ukulungiselelwa nemfanelo. Sibacela kanjako abafundi betu lento inye inkulu ukuba bati xa sukuba beyakutenga bapate ipepa eli " Imvo " ukuze bazazi izindlu ezinqwenela ukute- ngiselenanabo,bazibuzengo-kumhlope izinto esazeke zibalulwe epepeni ukuba zinokufunyanwa kwezo zindlu. Xa abafundi beyakutenga kwizindlu ezingekabi naza- ziso kubalungele ukuba babuze imbangi yokuba izindlu ezo zingaceli umzi omnyama ngezaziso.

## KANIPE UMKONDO.

BONISANI umfana kusoloko wemnka apa ngo kubanjwa, waya Emoati ngo January 1883. Igama lake ngu Sanisi elinye ngu John Nkomo; u yise ngu Jacob, ibala lake umnyama ; lirwanqa mfutsham. Uninytu osilandise umkondo wovuzwa ngo kwaneleyo.

ISAAC A. MOTAUNG.

Zuurfontein, Tarkastad,
March 6, 1885.

ANDREW GONTSHI,
Umteteleli ematyaleni,
TRANSKEI.
*I- Ofisi—e-NGQAMAKWE.*

R. W. ROSE-INNES,
Umteteleli-Einatyaleni,
Umainisi.
Umanani Weziqiniselo

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute-teni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno-kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobontlobo zetnisesane, iwotshi/

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesh

## Iveki.

KUVAKALA ukuba ingqakaqa ebike yabikwa e Tamara ipele kanye. Nangase Xesi iya incipa.

U MR. JOHN J. IRVINE, owanduluka apa ngonyaka odluleyo wasinga e England nase Australia, ukangelwe ukuba apume kwizibuko lase Monti ngo 1 June lo uzayo.

IGQIRA lakwa Rulumeni lempahla liko *ngo-* ku e Qonce apa ngendawo yesisifo umanz' abomvu beke sabikwa kulomzi.

AMANGESI alapa ake anomdlalo webolango Mgqibelo ongapaya, ubupakati kwengwevu naqinileyo. Udubule ekubeni amadala oyiswe, etsho nge 191; amatsha avene etsho nge 243, u Donoghue utsho yedwa kwi 67 kwingwevu ; kwaqinileyo u Tully wenze yedwa 83.

IBANKI ngoku aziyamnkeli imali etunjuzi-weyo.

IMVULA entle iwe eMonti ngo Mvulo odlu-lileyo.

